



Isalathiso: 20170331-9632  
12/16/8/P  
Imibuzo: M Phillips

INGcaciso eMfutshane yeCandelo i-Cape Teaching and Leadership Institute: 0002/2017

Iya: KwiiNqununu nakuBasebenzi abaya kwiiKhosi zoqeqesho e-Cape Teaching and Leadership Institute

### **Isihloko: Umgaqo-nkqubo ohlaziyiweyo wase-CTLI wamabango ohambo**

1. Kuya kukhutshwa inkxaso-mali yohambo ukuya kwiindibano ezisesikweni zongenelelo ngoncedo lweentsuku eziyi-10 e-Cape Teaching and Leadership Institute (CTLI) phantsi kwale miqathango ilandelayo:
  - Ukubhalisa ngokusesikweni kule khosi makungqinisiswe kwangaphambili.
  - Ukuhamba ikhosi ngokupheleleyo makungqinisiswe (kwirejista yokuhamba ikhosi yonke imihla).
  - Umgama uwonke ohanjiweyo ngosuku mawugqithe kumgama we-20 km ngohambo lokuya nokubuya (mayibe yi-200 km kubude bekhosi iphela).
  - Umgama uwonke okwenziwe ibango lawo mawungagqithi kwi-140 km ngohambo lokuya nokubuya ngosuku. Abathathi-nxaxheba abagqithisayo kulo mgama abasayi kufumana mbuyiselo yemali ngomgama ongaphaya kwe-140 ohanjiweyo ngosuku kukwacetyiswa ukuba babhalisele indawo yokulala e-CTLI endaweni yoko.
  - Abathathi-nxaxheba abasuka kwizithili zasemaphandleni abahlala kumgama ongaphaya kwe-70 km (ngaphezu komgama oyi-140 km ngohambo lokuya nokubuya) ukusuka e-CTLI nabasebenzisa indawo yokulala yase-CTLI okanye indawo yabucala baya kuvumeleka bafake ibango libe linye ukuya nokubuya ukusuka kwindawo abahlala kuyo isigxina nase-CTLI.
2. Inkxaso-mali yohambo isengahlawulwa ukuya kwizifundo zongenelelo ngoncedo zase-CTLI, ezisesikweni, ezifutshane phantsi kwale miqathango ilandelayo:
  - Ukubhalisa ngokusesikweni kwikhosi makungqinisiswe kwangaphambili.
  - Ukuhamba ikhosi ngokupheleleyo makungqinisiswe (kwirejista yokuhamba ikhosi yonke imihla).
  - Umgama uwonke ohanjiweyo ngosuku mawugqithe kwi-20 km ngohambo lokuya nokubuya, ukuba umgama uwonke ohanjiweyo kubude bekhosi uyagqitha kwi-50 km. Ngoko ke, ukuba lungenelelo ngoncedo oluqhubeka

usuku lube lunye, umgama osezantsi ohanjiweyo mawugqithe kwi-50 km ukuya nokubuya phambi kokuba singanokuqwalaselwa isicelo eso.

- Umgama uwonke okwenziwe ibango lawo mawungagqithi kwi-140 km ngohambo lokuya nokubuya ngosuku. Abathathi-nxaxheba abagqithisayo kulo mgama bacetyiswa ukuba babhalisele indawo yokulala e-CTLI endaweni yoko.
- Abathathi-nxaxheba abasuka kwizithili zasemaphandleni abahlala kumgama ongaphezu kwe-70 km (ngaphezu komgama oyi-140 km ngohambo lokuya nokubuya) ukusuka e-CTLI yaye beza kusebenzisa indawo yokulala yase-CTLI okanye indawo yabucala baya kuvumeleka ukwenza isicelo sibe sinye sebango lokuya nokubuya phakathi kwendawo abahlala kuyo isigxina nase-CTLI.

3. Izicelo zamabango ohambo ziya kuhlolwa ngokwezi khayitheriya zilandelayo:

3.1.1	Ukusebenzisa imoto yakho	Kangangoko kunako, ootitshala mababelane ngezithuthi. Kuphela ngumqhubi okanye umnini-moto onokwenza isicelo sebango leekhilomitha ezihanjiweyo. Makwenziwe uluhlu lwabakhweli. Kuya kuhlalulwa umyinge omiselweyo we-R3,00 ubuninzi ngekhilomitha nganye. Kuya kusetyenziswa umthamo wenjini neenkukacha zayo nekufuneka zibhalwe kwifom yebango.	
3.1.2	Usetyenziso lweklabhu yelifiti (ehlawulelwayo okanye eyasimahla) kwimoto yomntu	Kuphela ngumqhubi okanye umnini-moto onokwenza isicelo sebango leekhilomitha ezihanjiweyo. Makwenziwe uluhlu lwabakhweli. Kuya kuhlalulwa umyinge omiselweyo we-R3,00 ubuninzi ngekhilomitha nganye. Kuya kusetyenziswa umthamo wenjini neenkukacha zayo ekufuneka zibhalwe kwifom yebango.	
3.1.3	Usetyenziso lwebhasi yesikolo	Isikolo masifake ileta echaza ukuba kwakusetyenziswe ibhasi yesikolo ukuya kule khosi, amagama abakhweli nomgama ohanjiweyo. Kuya kuhlalulwa umyinge omiselweyo, ngokusekelwe kumthamo wenjini neenkukacha zayo emazibhalwe kwifom yebango.	
3.1.4	<b>Qaphela: Makufumaneke kwangaphambili imvume ebhaliweyo esuka kuMququzeleli weProgram wase-CTLI</b>	Inyathelo 1	Isikolo masifumane ikoteshini ebhaliweyo phambi kokuqhubeka koqeqesho.
		Inyathelo 2	Isikolo masifake ezi koteshini kuMququzeleli weProgram wase-CTLI ukuze kufumaneke imvume.
		Inyathelo 3	UMququzeleli weProgram wase-CTLI makanike ingqinisekiso ebhaliweyo yokuba kunokungenwa kwimvumelwano ukwenza loo nkonzo.
		Inyathelo 4	Isikolo masilungiselele ukuqesha inkonzo

			leyo.
		Inyathelo 5	Emva kwenkonzo ISIKOLO masihlawule umboneleli-nkonzo yaye sifumane irisithi.
		Inyathelo 6	Ukwenzela ukuba isikolo senzelve imbuyiselo yemali, isikolo eso masifake ileta eya kuMphathi ojongene naMabango wase-CTLI echaza ukuba kusetyenziswe umboneleli-nkonzo kwanokudweliswa kwamagama abakhweli kunye neenkukacha zomgama ohanjiweyo. Makuqhotyoshelwe iikoteshini, imvume yoMququzeleli weProgram wase-CTLI ne-invoyisi yokugqibela ehlawulweyo.
			Onke amaxwebhu makagcinwe njengobungqina ukulungiselela umphicothi-ncwadi wangaphakathi. I-WCED iya kwenza imbuyiselo yemali kwisikolo KUPHELA kusakuba kufumaneka amaxwebhu asayiniweyo, kuqukwa nemvume ebhaliweyo ekhutshwe <b>kwangaphambili</b> esuka kuMququzeleli weProgram wase-CTLI. Oofitshala mabalungiselele ukuthutha abantu abaliqela bebathatha kwindawo efikelelekayo kumntu wonke.
3.1.5	Usetyenziso lwezithuthi zikawonkewonke, umz. iitekisi zikawonkewonke, ibhasi okanye uloliwe		Izicelo zamabango mazibonise indawo apho luqala khona nalapho luphela khona uhambo kwisigaba ngasinye sohambo. Imbuyiselo yemali iya kwenziwa ngokwemiyinge emiselweyo. Kuya kucelwa ubungqina (amatikiti) ligosa elijongene nezicelo zamabango ukwenzela ukuba zingqinisiswe ngokusemthethweni. Akuvumelekile ukwenza amabango amaxabiso eetekisi ii-metered taxis. Makuzaliswe ingcaciso efungelweyo (Kwi-afidavithi) ngulowo wenza ibango ize isayinwe ligosa lase-CTLI ngomhla wokugqibela wongenelelo ngoncedo.

4. Abenzi bamabango baya kufumana inkxaso-mali, ngokomgaqo-nkqubo, kuphela emva kokuzaliswa kwekhosi yoqeqesho yaye kuya kunyanzeleka ke ngoko bazihlawulele iindleko zabo kwangaphambili. Makugcinwe ubungqina beentlawulo.
5. Zonke izicelo zamabango mazingeniswe kwindawo yoqeqesho apho umququzeleli wase-CTLI ochaphazelekayo aya kufumaneka khona ukunceda abenzi bezicelo ezo.

6. Akusayi kwamkelwa zicelo zamabango zifike emva kwexesha okanye zineenkukacha ezingaphelelanga ngele kokuba kukho iimeko ezixolelekayo, yaye imbuyiselo yemali ayinakuqinisekiswa (*not guaranteed*).
7. Iirejista zabangenayo nabaphumayo zoonogada base-CTLI ziya kusetyenziswa ukuqinisekisa iinkukacha zesithuthi nezabakhweli. Kucelwa uqinisekise ukuba iimoto ezo ziyasayinelwa ngokusemgaqweni ngosuku ngalunye kwanokuba iimoto ezo zipakwe kwindawo emiselwe ukupaka yase-CTLI kuphela. Ukuba isicelo sebango asingqiniseki, asisayi kunikwa ngqwalaselo.
8. Iinkxaso-mali ziya kuhlululwa kuphela emva kokuphicothwa ngobunono kwezicelo zamabango yaye iWCED inelungelo lokwenza isigqibo sokugqibela apho kufumaneka nakuphi ukungangqinelani, ukungathobeli okanye ukunganyaniseki.
9. Kucelwa iinqununu zazise okukule ngcaciso imfutshane bonke ootitshala ababhaliselwe ukuya kwiikhosi zase-CTLI ukuze bakunike ingqwalaselo.

**ISAYINWE:** NGU-PAD BEETS

**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO**

**UMHLA:** 2017-03-30